basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2016

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu 50
ICANDELO B:	Imizuzu 30
ICANDELO C:	Imizuzu 40

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

ISITSHIXO

1 Abantu bakudala babengayiboni imfuneko yokutshixa kuba umntu ngamnye wayeyihlonele into yomnye umntu. Ukuba uhamba emlimandleleni wentsimi kaNantsi kwakunganyali ukubona isikofolo esikhedame sada sagqola kuba sashiywa ngexesha ekwakukofolwa ngalo. Wodibana naso xa kuvunwa oko sasikulaa ndawo sasishiywe kuyo. Phofu loo nto ayithethi kuthi amasela ayengekho. Ayekho, **ikakhulu** esiba impahla ehambayo mhlawumbi izilimo neziqhamo. Ukuba aboniwe ngakumbi lawo empahla ayebulawa okanye abanjwe. Kodwa kuyo yonke loo nto akukho mntu wakha wacinga ukutshixa iintlanti. Umntu wayethabatha uhambo olude iintsuku okanye iiveki ezininzi kodwa engatshixanga ezindlwini.

2 Ulutsha lwanamhlanje into enjalo lungayikholelwa nzima kuba kulo lonke ihlabathi namhlanje lukhula lusazi ukubaluleka kokutshixwa ukwenzela ukuba impahla yomzi ikhuseleke emaseleni. Ezidolophini ezinkulu abaninimzi bafaka nokuba zine izitshixo ezingcangweni zangaphambili. Ziindawo ezinjengoomaNew York ezo, kanti nakomaRome zifakwa nokuba zithathu ngaphambili.

3 Oku kuqamangela kwakukade kusenziwa ngabantu abazizityebi baze bona abo bangenazinto, bangamahlwempu, bangazikhathazi nganto. Kodwa kule mihla kutshixa wonke umntu kuba amasela anamhlanje akakhethi kwaye akakhathali nokuba umntu sisikhwabakazi esisweleyo. Ukuba loo nto yakhe inye uyishiye engayitshixelanga wofika ingekho.

4 Amashishini enza iziqamangelo ayahlutha, kuba akusekho mzi ungasisebenzisiyo isitshixo. Ngaphezu koko kwenziwa nezi ntsimbi zifakwa ezifestileni nasemnyango zokuqhiwulela amasela. Kanti kweminye imizi nasezindaweni ezinamashishini, kukwakho neentambo ezisetelwe ukuba zithi kwakuchukunyiswa indawo ethile lisela zisuke zitsaleke kutsho kukhale intsimbi evusa umninimzi.

5 Kwezinye iindawo apho kugcinwa nokuba ngamatye anqabileyo, okanye ezivenkileni ezithile, kuhlala kuvulwe iintambo zikagesi ezijikelezileyo ezithi zakuchukunyiswa zimbambe lowo omele apho. Bathi abakha baya eJamani, oluya donga lwaziwa ngokwahlula laa dolophu inkulu yaseBerlin, linazo ezi ntambo ukwenzela ukuba kungabikho mntu ugwencela kolu donga aqabelele kwelinye icala ngaphandle kwemvume.

6 Ingaba ke uluntu luziva lukhuselekile kuwo onke la malinge okutshixa emakhayeni nakwezinye esezichatshazelwe? Ngalo lonke ixesha kukhula ubundlobongela ezidolophini nasemaphandleni, akukho namnye umntu okhuseleke kwaphela. Abaqhekezi xa sebezimisele ukungena abakhathalele zitshixo.

7 Bayakwazi ukuzivula izitshixo ezininzi. Abangenabuchule bakuvula zitshixo, basuka banqike iifestile neengcango bangene. Abanye bayayisebenzisa nemipu ethile badubule izitshixo kungekho ngxolo ibhekele phi, basebenzise neentsimbi ezithile abazenza ngokwabo bangene. Olu hlobo lwenziwa xa kuvulwa iisefu ezigcina iimali. Kanti ke bakhona abasuka bavule ngezitshixo abazenze ngokwabo ekuthiwa zizi 'keleton'.

8 Ibali elimangalisayo endakhe ndaliva mayela nokuvulwa kwezitshixo, lelomnye umfo owayengusomashishini. Suka ngenye imini alibale izitshixo zomnyango weshishini ngaphakathi azitshixele. Onke amalinge okuzama ukuvula enziwa ancanywa. Kuvakala ukuba wasebenzisa icebo awakhe walifundiswa ngamaNdiya xa wayesenza iYogi. Uthi owayehamba naye nowayesebenza kwakweli shishini lakhe wasuka lo mfo walubamba ucango wacimela ethe cwaka ngoku komntu onyameleyo. Wayimilisela ingqondo isithuba eside engathethi lwasuka lwavuleka ucango engasebenzisanga sitshixo.

9 Abaqhekezi beenqwelo mafutha bangamachule ekuvuleni iifestile neengcango zemoto. Bayakwazi ukuthi imoto itshixiwe, basuke baqhawule iingcingo ezithile babuye bazidibanise ngohlobo lwabo idume imoto. Wothi umnumzana esalele engalibali imoto eyitshixile, avuke ingekho.

10 Xa kungekho ndawo ikhuselekileyo icebo yintoni? Abanye abantu banenkolo yokuba into engcono kukubalekela kwindawo apho kungazi kufuneka zitshixo. Iphi ke loo ndawo? Enyanisweni zisekho iindawandaw**ana** apho kungekho luqhekezo lungakanani kodwa ezi ndawo zicutheke kakhulu. Ubundlobongela bungxamele ukushiya amehlo kwiHlabathi liphela.

11 Kwakhona eli gama lithi sitshixo lisetyenziswa ngokufanekiswa kwemo yesitshixo nomntu. Siqinisekile ukuba ukhe uve xa kusithiwa umninimzi sisitshixo sekhaya. Loo nto ithetha ukuthi ulisango ekungenwa ngalo kweli khaya ekuthi livalwe okanye litshixwe.

[Sicatshulwe kwincwadi, *Iphulo*, nguKS Bongela, amaphepha-27–29 sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Nika into ibe NYE ebidla ngokubiwa ngamasela ngexesha lakudala. (1)

1.1.2 Caphula ngokuchanekileyo ibinzana elithetha into enye neli:

... wonke umntu wayeyihloniphile into engeyoyakhe. (1)

1.1.3 Igama 'ikakhulu' elibhalwe ngqindilili, ngokwakwisicatshulwa lithetha, (kunqabile/ngamaxesha athile/kuxhaphake). (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Kutheni lunokuyikholelwa nzima ulutsha lwanamhlanje into yokuba kwakungatshixwa kudala? (1)

1.1.5 Siphuhlisa ntoni isakhi u-na esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?

'Ziindawo ezinjengoomaNew York ezo, kanti **na**komaRome zifakwa nokuba zithathu.' (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Igama elithi 'Ukuqamangela' ngokomxholo walo mhlathi lithetha ...

A ukutshixa ucango lungatshixeki.
B ukutshixa ngezitshixo ezininzi.
C ukutshixa ngesitshixo esinye.
D ukuvala ungalutshixi ucango. (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.7 Xela isizathu sokuhlutha kwamashishini enza iziqamangelo. (1)

1.1.8 Chaza ukuba ubhekisa kwintoni u 'zi-' obhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

'... kwenziwa nezi ntsimbi **zi**fakwa ezifestileni nasemnyango zokuqhiwulela amasela.' (1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.9 Chonga igama kwisivakalisi esingezantsi elibonisa ukuba asizizo zonke iivenkile ezihlala zivule iintambo zikagesi ezijikelezileyo.

'... ezivenkileni ezithile, kuhlala kuvulwe iintambo zikagesi …' (1)

1.1.10 Bhala ngokutsha eli binzana lilandelayo usebenzise amazwi akho.

'... zimbambe omele apho.' (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.11 Nika isibizo esingcambunye nesibizo 'uluntu'. (1)

Jonga kumhlathi 7

1.1.12 Xela iindlela zibe MBINI ezisetyenziswa ngabaqhekezi ukungena ezindlwini ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.13 Cacisa uluvo oluqulethwe ngulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 8

1.1.14 Yahluke njani indlela usomashishini awaluvula ngayo ucango kweziya zikhankanywe kumhlathi wesi-7? (1)

Jonga kumhlathi 9

1.1.15 Chonga igama elithetha into enye negama 'igqume'. (1)

Jonga kumhlathi 10

1.1.16 Nika intsingiselo eziswa kukusetyenziswa kuka-'ana' kwigama 'iindawandaw**ana**' kwisivakalisi esingezantsi.

'Enyanisweni zisekho iindawandaw**ana** apho kungekho luqhekezo lungakanani kodwa ezi ndawo zicutheke kakhulu.' (1)

1.1.17 Xela ukuba ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi sisaci okanye liqhalo.

'Ubundlobongela bungxamele <u>ukushiya amehlo</u> kwiHlabathi liphela.' (1)

Jonga kumhlathi 11

1.1.18 Ingaba unyanisile umbhali xa athi umninimzi sisitshixo sekhaya? Xhasa impendulo yakho. (2)

Kwitekisi yonke

1.1.19 Myalezo mni odluliswa sesi sicatshulwa? (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Ucatshulwe ku-Windows Live Photo Gallery wahlelwa]

1.2.1 Chaza okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba into esembizeni ishushu? (1)

1.2.3 Kutheni uvuleke kakhulu umlomo womntu ongumama? (1)

1.2.4 Yintoni injongo yalo mfanekiso? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, ze usishwankathele unike iingongoma ezingokubaluleka kokubhala. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

ISICATSHULWA C

UKUBALULEKA KOKUBHALA

Ukubhala oku yinto ebaluleke kakhulu. Into ebhaliweyo ihlala ihleli ngonaphakade ngaphezu kwento ethethwe ngomlomo. Ungamva umntu xa afuna ukukhanyela izigqibo enanizenzile esithi, 'sasingabambanga siba.' Xa atshoyo ke uthetha ukuthi izigqibo zenu anizanga nazibhala phantsi.

Ukubhala bubugqi obuvinjwe zonke izidalwa zehlabathi, banikwa umntu, nto ke leyo, ecacisa ukuthi ukubhala yenye yezinto ezibonakalisa ukuphakama kwesidalwa esingumntu kwindalo yaso. Kuzo zonke izifundo emhlabeni sifumanise ukuba ukubhala kwabaluleka endulo, kusabalulekile nanamhla. Imbali ithi kwaqala kwafundiswa ukubhala, ukubala nokufunda.

Namhlanje zonke iinkalo zobom zifuna umntu okwaziyo ukubhala. Kule mihla ungabona ixhego likhokhoba lingazanga laya esikolweni, kodwa ufumanise ukuba liyakwazi ukubhala igama lalo. Yintoni unobangela? Lithe noxa lingazange laya esikolweni lakubona ukubaluleka kokukwazi ukubhala. Lathabatha inkxamleko yokuba lifundiswe oku kokubhala igama lalo.

Ukubonakalisa ukubaluleka kokukwazi ukubhala, ndoqala ndithi gqaba-gqaba ngokubhala incwadi. Ukubhala incwadi kuko okwenza ukuba izihlobo zethu nezizalwane zisoloko zisemehlweni noxa singaziboni ngeliso lenyama. Uthi wakumkhumbula umhlobo wakho, okanye unqwenela ukuthetha nayiphi na into enxulumene nobuhlobo benu ukhwele ephepheni umbhalele. Akufumana incwadi evela kuwe uziva exolile emphefumlweni.

Ngokubhalelana iincwadi sithi sibe nakho ukuthetha izinto siphendulane, side sifikelele esigqibeni singadanga sathabatha nkxamleko yokudleka mali sisiya kubonana ubuso ngobuso.

Ungathi ukuze ukuqonde ukubaluleka kwabo ubugqi bokukwazi ukubhala ufune umsebenzi. UseMpumalanga, eThekwini, eKapa uyakwazi ukubhalela eRhawutini ufune umsebenzi, uyaphendula umnini-msebenzi ekumemela kudliwano ndlebe.

Ngenxa yokubhala sazi zonke iintlanga ezisehlabathini. Sifunda amaphepha-ndaba sive izinto ezenzeka phesheya kolwandle koomaMelika,kooma-Asiya, eMpumalanga nezinye iindawo ezikude ngexesha elingephi.

[Sicatshulwe kwincwadi Imitha yelanga, nguWK Thamsanqa, amaphepha 37–40 sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D: ISIBHENGEZO-NTENGISO

[Icatshulwe *kwiBONA* kaJulayi 2015; Iphepha-89 yahlelwa]

3.1 Xela igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Nika isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Sisiphi isixhobo sokuthengisa esisetyenziswe kwisivakalisi esingezantsi?

'Ubusazi na ukuba iRooibos Tea ikwenza uzive usempilweni?'

A Sisifaniso
B Sisikweko
C Ngumbuzo-buciko
D Nguvumephika (1)

3.6 Ziluncedo ngantoni izithako ezifumaneka kule mveliso? (1)

3.7 Chaza ukuba lenze msebenzi mni ibinzana, 'akuyi koyiswa nto' kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.8 Ingaba izibhengezo-ntengiso zenzelwe ukunceda abathengi? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Icatshulwe kwi-www.zapiro.cartoons, yahlelwa]

4.1 Xela igama lesilwanyana esithabatha inxaxheba kolu qhankqalazo. (1)

4.2 Chonga isiyaleli kwizikhalazo zabaqhankqalazi. (1)

4.3 Bhala injongo yolu qhankqalazo. (2)

4.4 Nika ubungqina bokuba uqhankqalazo luxhaswe luluntu ngokubanzi. (2)

4.5 Guqula isikhalazo sedonki sibe kwimo evumayo. (1)

4.6 Chaza indlela asenze ngayo isihlekiso umzobi wale khathuni. (2)

4.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Kubonakala njani ukukhathazeka kwinkangeleko yobuso babaqhankqalazi?

A Bonke bancumile.
B Bonke baqumbile.
C Bonke bayahleka.
D Bonke bayalila. (1)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA F

ISIQALO SESIPHELO

Kwelasentla kwisixekokazi esikhulu saseGoli, apho uKK wayegqityelwe evalelwe khona, izihlwele zabantu zenza umngcelele zafunza esikhululweni samapolisa ziye kuwaxelela ukuba makavuse uKK. Othethayo uthi abantu yayinguMbo noMxesibe. Ababebakhokele bafika bacela ukuthetha nengqonyela yesikhululo eyasuka yona yathuma omnye isithi ezo zihlwele zinikwa imizuzu emihlanu ukuba zichithakale okanye ziya kuyibona into ebhinqe ngayo.

Abantu bahlala phantsi ukubonisa ukuba akukho apho bayayo de kuze kuthethwa nabo. Ithe yakuphela imizuzu emihlanu, kwabonwa ngelori enkulu iphuma apha esikhululweni ihlehla umva, yaxela ibhokhwe igudla udonga ukuza ebantwini. Yakuba kude kufutshane lwavuleka ucango lwangasemva, yaqhuma ilopisi, yangumbambamba. Babesithi bephakama abantu ngelokusaba, babe besiwa waca. Umpu ozitshintshelayo wawubageca ngokungathi yirhengqe inqunqa iindiza.

[Sicatshulwe kwincwadi, Ukhozi Olumaphiko, nguN. Saule; Iphepha 54-55 yahlelwa]

5.1.1 Xela isigaba sentetho segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Izihlwele **zifunza** esikhululweni samapolisa. (1)

5.1.2 Chaza ukuba luluphi udidi lwesihlomelo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.3 Bhala izimelabizo endaweni yezibizo ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Abantu bafika bacela ingqonyela yesikhululo. (2)

5.1.4 Bhala isivakalisi esichanekileyo usebenzise isenzi 'ebhinqe' linike enye intsingiselo ngaphandle kwale ikwisicatshulwa. (2)

5.1.5 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha elizayo.

Abantu bahlala phantsi ukubonisa ukuba abahambi. (2)

5.1.6 Xela ukuba lo mzekelo ukrwelelwe umgca ngaphantsi ngezantsi libinzana okanye sisivakalisi. Xhasa impendulo yakho.

Umpu ozitshintshelayo wawubageca ngokungathi yirhengqe inqunqa iindiza. (2)

5.1.7 Khetha isichazi kwesi sivakalisi silandelayo.

Yathi yakuphela imizuzu emihlanu badutyulwa. (1)

5.1.8 Faka iimpawu zobhalo ezichanekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

ingqonyela yamapolisa yaya ebantwini (2)

5.1.9 Xela isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Umpu ozitshintshelayo wawubageca (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO

[Ucatshulwe *kwiBONA*, Janyuwari 2015; Iphepha 46 wahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho.

Ndiyaluthanda uhambo, utsho utata. (2)

5.2.2 Lungisa igama elikwizibiyeli ukuze esi sivakalisi silandelayo sichaneke.

Kubalulekile ukuba umntu (-nwabe) ubomi. (2)

5.2.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelelayo ngokuchanekileyo sibe kwisinye.

Baya phi abantu? (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80